Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

JUNI 2015

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

ABANTWANA ABANCINCI BAXHAMLA KWINKXASO-MALI KASODOLOPHU

Ngabantwana abangama-120 ababhaliselwe ukuxhamla kwinkqubo yophuhliso lomntwana osemncinci iFlower Valley early childhood development (ECD), ngenkxaso-mali eyenziwe ngoSuku i-Overstrand Classic Golf, olwalubanjwe ngoDisemba kunyaka odlulileyo. Okuzuzwe ngolo suku lwegalufa kwadluliselwa kwinkqubo yeFlower Valley Conservation Trust nguSodolophu uNicolette Botha-Guthrie kumbhiyozo owawubanjwe ngoLwesithathu, umhla we-6 Meyi eMasakhane.

Umhla wegalufa wawuququzelelwe ngunozakuzaku wezotyelelo waseOverstrand; uBob Skinstad waxhaswa yiSeartec ehambisa izixhobo zeSharp. Ngala mhla, kwenziwa imali engama-R35 000 isenzelwa inkqubo iFlower Valley ECD oko kusenziwa egameni leNgxowa-mali kaSodolophu. Le nkxaso-mali yenzelwe ukuxhasa amaziko amahlanu e-ECD aseGansbaai ngeemfuno zawo eziphambili.

Abantwana beziko laseGood Hope ECD bedanisa ukubulela uSodolophu waseOverstrand nabanye abaxhasi ngegalelo labo lenkxaso-mali abayenzileyo kwi- Overstrand Classic.

NgokukaSodolophu, "iNgxowa-mali kaSodolophu isetyenziselwa ukusungula iindlela ezikhuselekileyo, ezisempilweni nezinika umdla kwiimeko zokufunda". Uthe impumelelo yosuku lwegalufa yenziwe yintsebenziswano yobuhlakani waza wenza nelizwi lombulelo elingazenzisiyo kuBob Skinstad neqela lakhe.

U-Gabrielle Jonker, ongumququzeleli wenkqubo iFlower Valley ECD ebizwa ngokuba "yiNurture", uthe le nkqubo xa kungoku nje ifikelela kubantwana abangama-120 nabantu abagcina abantwana abali-18. Eli qumrhu linethemba lokuba ngomnyaka wama-2018 lakube linabantwana abangama-700 kumaziko alo aseOverstrand kwakunye nenkonzo yokukhathalela abagulayo abasemakhaya nabahlala emaphandleni.

U-Jonker uthe, "eyona njongo iphambili yale projekthi kukukhathalela abantwana. Kodwa ke ngenxa yokubona ukuba icandelo le-ECD belisaya kujongelwa phantsi ngaphambili, kungoku nje lijongana nabo nababhinqileyo. Njengeprojekthi, sikwasebenza umsebenzi wokwenza imeko engcono yoqoqosho kwabo basebenza umsebenzi wokukhathalela abantwana".

I-Flower Valley Conservation Trust, engumbutho ongenzi ngeniso nosebenzela kwindawo yaseGansbaai nonika inkxaso kwi-ECD kwiminyaka eli-16 edlulileyo nebifumana inkxaso-mali kwiSebe loPhuhliso loLuntu lephondo ukususela ngowama-2013 nebelixhasa amaziko amahlanu kule ndawo.

Umsitho wonikezelo lwenkxaso ububanjelwe kwiziko iGood Hope ECD. Nelalisaya kubasematyotyombeni, eli ziko kungoku nje lisebenzela kwizakhiwo zikamasipala ezise-Masakhane linabantu abahlanu abasebenza bekhathalela abantwana abangama-45.

USodolophu uqinisekisile ukuba iOverstrand Classic Golf Day yesibini iya kubanjwa ngomhla wama-20 Novemba kulo nyaka eArabella, ukwangeza uthe "ngoku ndingabonisa abo bathatha inxatheba kolu suku oko sikwenzileyo nesakuqhubeka sikwenza ngemali esiyenzileyo".

KUMISELWE ENYE IKOMITI YOPHICOTHO-ZIMALI

Ukubonisa igalelo labo elikhulu ekuqinisekiseni ukuba iOverstrand ima kwimeko ezinzileyo yezimali, esi sibini siphumayo ebesingamalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi uJacobs noLawrence bathe bafumana okuncinci kuSodolophu uBotha-Guthrie nokuluphawu lokubabulela ngomsebenzi omhle abawenzileyo.

Xa kulandelelwa ukuphelelwa kwexesha le-ofisi yamalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi yaseOverstrand eza kuthi kwilixa elizayo ibe noNksk KE Montgomery (uSihlalo), uMnu H Liebenberg (naye ozakuba ngusihlalo weKomiti yoPhicotho lweMisebenzi yaseOverstrand), uMnu HPA Beekman noMnu B van Staaden (oza kubamba izihlalo ezibini eseKomiti yoPhicotho-zincwadi noPhicotho lweMisebenzi).

Ukunqwenelela nokuqhwabela izandla ikomiti ephumayo uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthe bobabini uMnu Wollie Jacobs noMnu Graham Lawrence babe nenkonzo entle kakhulu esusela kwiminyaka emininzi edlulileyo: uLawrence usebenze ukususela kowama-2005 yena uJacobs ukususela kowama-2007.

UMAMKELI-MALI WENKUNDLA YAMATYALA EYONGEZELELWEYO UYASEBENZA

Ukususela ekuqaleni kukaMeyi, onke amatyala ezothutho namatyala anxulumene neenkundla zikamasipala angahlawulwa kwinkundla yamatyala eyongezelelweyo yaseHermanus. Amatyala angahlawulwa phakathi kwentsimbi ye-08:00 neye-13:00 nangeye-13:45 ukuya kweye-15:00 phakathi evekini. Xa usiza kuzokuhlawula nceda phatha imbalelwano oyithunyelweyo yetyala lakho okanye iSazisi salowo wophule umthetho.

Le Nkundla yongezelelweyo ikwisakhiwo iHarmony House entshona kwii-ofisi zaseOverstrand eziseHermanus.

Nceda thumela nayo nayiphi na imibuzo emalunga nalo mcimbi kuMphathi weNkundla uYnanda Lemmer kule nombolo 028 313 8924.

SIVUYISANA KAKHULU NGEMPUMELELO YASE- GANSBAAI ethe kutsha nje yaphumelela imbasa ebizwa ngokuba yi-African Responsible Tourism Awards yowama-2015 kwaye ukwangeza bahambe neembasa zegolide zabantu abathathu kudidi lwabantu abasebenza ngokweziqu. Ngokwalo mfanekiso, uManejala wezoTyelelo lwaseGansbaai uGlenda Kitley (osesiphakathini) neCEO yeWesgro uTim Harris kwakunye noMlawuli oyiNtloko weBetter Tourism Africa uHeidi van der Watt, banesiqinisekiso sokuba abantu baseOverstrand kufanele ukuba bayazingca ngendlela ezotyelelo ezisebenze ngayo ngendlela ezinzilwyo nethatha uxanduva.

AMAFUDO I-LOGGERHEAD ATYEKEZELWA ELUNXWEMENI LOLWANDLE

Abantu bayacelwa ukuba bahlale bevule amehlo bekhangele amafudo atyekezwa lulwandle. Qho ngonyaka, kwinyanga ka-Epreli noJuni amafudo amancinci athi atyekezelwe kwilwandle ezingqonge iKapa ngenxa yamaza alwayo nemimoya ebhudla ngamandla.

Kufanele wenze ntoni:

- Lususe ufudo elunxwemeni.
- Lugcine lomile kubushushu bendlu - NCEDA UNGALUFAKI emanzini ufudo.
- Lufake ufudo entweni enkulu enemingxunya eliqela. NCEDA UNGALUFAKI entweni enamanzi okanye enesanti, kungcono usebenzise itawuli encinci.
- Bhala umyalezwana otshoyo ukuba ulufumene phi, nini kwaye ibingubani ixesha ngoko ubulufumana.
- Nceda qhagamshelana neCandelo loLawulo lokusiNgqongileyo laseOverstrand kule nombolo 028 316 3724 okanye utsalele iGumbi loLawulo kule nombolo 028 313 8111.
- Emva kwexesha lomsebenzi nceda uluse ufudo kwiSebe loMlilo eliya kuthi linxibelelane negosa lokusingqongileyo.

Apho asinga khona amafudo

UMasipala waseOverstrand neCape Nature bebambisene neSouth African Shark Conservancy, bakuqinisekisa ukuba amafudo afumana ikhaya lethutyana ade asiwe eTwo Oceans Aquarium apho akubuyiselwa kwimo yesiqhelo ade abe semandleni nasempilweni. Emva koko akuthunyelwa e-uShaka Sea World eDurban apho akukhululwa aye kumanzi afudumeleyo olwandle lwaKwaZulu Natal.

UMZAMO NGAMNYE OWENZIWEYO UNENTLAWULO

Zishiya imincili yodwa kubahlali baseOverstrand iivenkile zotshintshiso

Lo mba ungaba ngumba ongaziwayo, kodwa ke lona eli phulo "leeVenkile zoTshintshiso ngokunokuphinda kusetyenziswe" kodwa unendlela okuyihambileyo eZwelihle. Ngonyaka wama-2003, umhlali uMarilyn van der Velden weza nembono yokuba abantwana bazincede bekwenza oko ngezinto eziyinkunkuma nezinokusetyenziswa kwakhona, xa kunamhlanje eli phulo elisekelwe phantsi kwenqobo ethi "hlawulwa ngokwenzileyo", oku kuyenziwa eMzantsi Afrika kwaye apha eNtshona Koloni kuphela ezi venkile zingaphezulu kwama-29.

Eli phulo lisebenza ngolu hlobo: abantwana baqokelela izinto eziyinkunkuma ezinokusetyenziswa kwakhona (iglasi, ibhotile, itoti, iphepha neplastiki) ngeveki, okanye kanye ngeveki xa iminyango yevenkile yotshintshiso ivuliwe, ezi zinto kutshintshiswa ngazo zizinto ezinokuthengiseka ezifana nezixhobo zokubhala, iincwadi, izinto zokudlala kunye neempahla. Iibhegi ezinemithwalo yoko kuzokutshintshiswa ngako ngabantwana kuyametwa kunikwe inani elithile lamanqaku. La manqaku angathenga kwangoko okanye "angabhankishwa" athenge kwixa elizayo xa umnikazi seqokelele amanqaku avisayo.

Lilonke eli phulo leevenkile zotshintshiso lenzelwe ukuqinisekisa ukuba imizamo emincinci ingaphela iyinto enkulu nehlawulayo, kwaye oku kucoca okusingqongileyo nokuthi okuyinkunkuma kube neziphumo ezixhamlwa nguye wonke ubani.

Ezi venkile zotshintshiso ziqhutywa ngamavolontiya ngelixa umasipala encedisa ngokuqokelela ezi zinto azise kwiidepho zazo. Ngokwengqikelelo, eli galelo laba bantu baqokelela ezi zinto zinokusetyenziswa kwakhona lidale umahluko omkhulu wokuthi izinto ebezizakugcwalisa indawo ezilahla inkunkuma ziphinde zisetyenziswe kwakhona. Naku okwenzekayo, igalelo lezinto ezinokusetyenziswa kwakhona eziziswa ngabantwana abangama-120 oko kuthetha ukuba yinkunkuma engange-5 setoni ethi ingafikeleli kwindawo yaseGansbaai yokulahla inkunkuma.

Nabani na ofuna ukuncedisa kweli galelo labantwana bethu ukunceda ukugcina izitrato zethu, amanxweme neelwandle zicocekile angakwenza oko ngokuthi anikele ngeempahla ezifana nezinto zokudlala, iimpahla zokunxiba nokutya okufana noko kunkonxiweyo, umilimili, umngqusho njalo njalo. Nayo nalo "onayo ebizayo kodwa ayisasebenzi" yamkelekile!

Ukufunda kabanzi ngezi venkile zotshintshiso ezivulwe eZwelihle, eStanford naseGansbaai, nceda qhagamshelana noNarina Howard kule nombolo 084 339 5768 (narina@wol.co.za), no-Elma Hunter kule nombolo 082 892 9507 (elmahunter@gmail.com) okanye uCharmaine Beukes kule nombolo 083 728 4833 (charmaine@whitesharkprojects.co.za).

IZIHLANGU IIBLINKIES BUTTON ZONGEZA UMBALA EBOMINI BABANINZI, NGEENDLELA EZININZI

Xa kukho amaqhosha amaninzi anokukhetha kuwo la manenekazi angenza nantoni na ngobuchule bawo – njengoko le mizekelo ibonakalisa.

Njengokuba ukudalwa kwamathuba emisebenzi ingowona mba uphambili kwingxaki yokulwa intswelo-msebenzi egubungele abaninzi kwilizwe lethu, ngoOkthobha 2014 le projekthi yeBlinkies neseHermanus yathi yaphehlelelwa.

Amanenekazi ebengaphangeli ngaphambili apha eZwelihle athi aqeshwa ukufakela amaqhosha kwizihlangu, oko ke nokukona kuphambili kule projekthi. Ukususela ekuqashweni kwamanenekazi amabini, ngamaqhosha angama-45 000 asele ethungiwe ngesandla kwizihlangu ezahlukeneyo ingakumbi iiteki ezibizwa ngokuba ngooTomy, oku kubeka isonka etafileni ukondla iintsapho zala manenekazi.

Iperi nganye yezi Blinkies iluhlobo olwahlukileyo kwaye zinemibala ngemibala zishiyana ngobukhulu ukususela kwezeentsana ezinxiba ezibukhulu busukela kwisi-3 zize ezabadala ziphele kwisi-7.

Injongo ephambili kukukhulisa le projekthi nokudala amathuba amaninzi emisebenzi ingakumbi xa umsunguli nomququzeleli wale projekthi uJohn Cowan ejolise ekuyandiseni le projekthi ngokuthi ezi zihlangu zohlobo olulodwa alwazise kwimarike yehlabathi. Ezi Blinkies zithe zagunyaziswa nanguSodolophu uBotha-Guthrie ngokuthi enze incwadi encomayo kubathengi bezi zihlangu. Le projekthi iyabonakala ukuba ikhula ngamandla.

Ii-Blinkies ziyafumaneka eHermanus Country Market, kwaye nabani na ofuna ukufunda ngazo wamkelekile ukuba angene kwi-webhusayithi ethi: https://hellopretty.co.za/ okanye ku-Facebook othi "Blinkies Button Shoes". Ukuba ufuna ukunika inkxaso kule projekthi yeBlinkies nangayiphi na indlela, khululeka uqhagamshelane nomququzeleli kwiinombolo zonxibelelwano ezifumaneka kwiwebhusayithi le.